URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

Isalathiso: 20210723-4563
Inombolo yefayili: 12/2/3
Imibuzo: H Smuts

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*FET*: 0006/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo zoMculo nakwiiNqununu zezikolo ezifundisa amaBakala 10 ukuya ku-12

Isihloko: Indlela yokwenziwa *(format)* koVavanyo lwePraktikhali lokuphela konyaka (iPhepha 3) loMculo weBakala 12

1. UVavanyo lwePraktikhali yoMculo lokuphela konyaka lweBakala 12 (iPhepha 3), luya kuqhuba njengoviwo olurekhodiweyo, ngokungqinelana nendlela olwaqaliswa ngayo ngo-2020.

2. Ukuphucula ukubekwa emgangathweni omnye (*standardisation*), intembeko neemfuno zamalungiselelo olu vavanyo lwepraktikhali, uvavanyo luya **kurekhodwa njengamacandelo amathathu ahlukileyo** ukususela ngo-2021. Le ngcaciso imfutshane, ngako oko, yazisa izikolo ngeenguqu kwindlela yokwenza uvavanyo lwepraktikhali.

3. La macandelo mathathu alandelayo aya kungeniswa njengerekhodingi zeevidiyo ezahlukeneyo:

   ICandelo A: ***Sight-reading* ne-*Aural***
   ICandelo B: ***Technical work*** *(including Study)* ***ne-solo repertoire***
   ICandelo C: ***Ensemble work***

4. Iimvavanyo ze-*sight-reading* ne-*aural* ziya kunikwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni zikuxwebhu oluyi-*PDF* olukhuselwe nge-*password* (*password-protected PDF document*). Ootitshala boMculo, ngako oko, akusayi kufuneka balungiselele izixhobo ze-*sight-reading ne-aural* zabo njengenxalenye yovavanyo lwepraktikhali yokugqibela yeBakala 12.

1 North Wharf Square, 2 Lower loop Street,
Foreshore, Cape Town, 8000
Tel: +27 21 467 9368 Fax: 086 205 1450

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za
Safe Schools: 0800 45 46 47

5. Imihla yokuzaliswa **kweemvavanyo ze-*sight-reading* ne-*aural* nguLwesithathu, we-25 noLwesine, we-26 Agasti 2021**. Nakuphi ukunxaxha kule mihla imiselweyo kuya kuthathwa njengokuphuma emgaqweni okuxhomisa amehlo.

6. Uxwebhu oluyi-*PDF* oluqulethe iimvavanyo luya kuthunyelwa nge-imeyili kuzo zonke izikolo ngoMvulo, we-23 Agasti 2021. I-*password* iya kunikezelwa ngo-14:00 ngoLwesibini, we-24 Agasti 2021, ukuqinisekisa ukuba ikopi yeemvavanyo ezichaphazelekayo inokuprintwa esikolweni.

7. Irekhodingi zeevidiyo zovavanyo i-*sight-reading* ne-*aural* zomfundi ngamnye mazifakwe kwiqonga leemviwo engadlulanga u-**17:00 ngoLwesihlanu, we-27 Agasti 2021**.

8. Intsalela yeemvavanyo zepraktikhali (ICandelo B no C) mazizaliswe phakathi kwe-16 Agasti 2021 ne-15 Oktobha 2021. Kukhunjuzwa izikolo ukuba ezi mvavanyo zepraktikhali (ICandelo B no C) **zingaqhutywa kuphela emva kokugqitywa koviwo lwepraktikhali lokuzivavanya (*trial practical examination)***. Uviwo lokuzivavanya nolwepraktikhali lokuphela konyaka alunakudityaniswa njengeseshoni enye.

9. Bonke ootitshala boMculo baya kufumana isaziso noqeqesho olusemthethweni olumalunga nokuxhonywa *(upload)* kweevidiyo ezirekhodwe zagqitywa.

10. Kucelwa iinqununu ukuba zenze amalungiselelo ayimfuneko ukulungiselela ukuqhutywa kolu vavanyo.

11. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala boMculo nabafundi beBakala 12 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-07-29